

# **IDayosisi yase False Bay**



**Inqubo yeXesha-Nyaka loBugosa**

**2023**

## Umyalezo ovela kuBishop Margaret

### Ixesha-nyaka lobuGosa -2023

#### Molweni lusapho nezihlobo ze Dayosisi yase False Bay

Umthandazo wethu ngowokuba oku kukhethwe ukuba kunikelwe kulencwadana kube ngumthombo otyebileyo wezinto ezinokusebenziseka ngalo Nyaka-xesha woBugosa

KwiNdumiso 24.1 sifunda ukuba “LelikaYehova ihlabathi nenzaliseko yalo” Umdumisi usifundisa ukuba uThixo ufumaneka kwaye ukho kuyo yonke into , uyaqhubeka athi “ **Ihlabathi lonke liphela nabemi balo**”

Kulo Nyaka-xesha woBugosa, sikhunjuzwa ngokucacileyo ukuba uThixo ungumahluli wezinto. Isidima sobukhonzi sinikwe thina bakhonzi bakaThixo .Njengabakhonzi nezicaka zikaThixo, sikwasebenza kunye ekukhathaleleni indalo, izipho neentalente ukuzisa imbeko nozuko kuThixo.

Sigqobhoze kwiminyaka emithathu yesithokothoko sobumnyama kabhubhane we covid 19 . Abaninzi baphulukane nobomi abanye baphulukana neendlela zokuziphilela . Ngelixa besincwina ngenxa kabubhane weCovid 19, kwafuneka sijamelene nengxaki entsha ,eyingxubakaxaka kacimi-cimi wombane owenze kwanyuka amaxabiso ezinto nto leyo ithe yaqhwalalisa ngakumbi uqoqosho lwelizwe ebelsele lunkenenkene kakade. Ukanti neDayosisi yethu esiyithandayo.ichaphazeleke kakhulu koku. Kubalulekile ukuba siguqukele kuKrestu, osalathisa kude kuthi kumazwi amakhulu athi “Ndim”. Uyawutyhila anikezele kuthi umqulu we Testamente Endala aze asimeme ukuba sifunde indinyana ka Isaya 61:11-12

Ngelixesha-nyaka loBugosa uYesu usbizela kuye .Olubizo lungaphezu kwesimemo , ngumyalelo othi “ **Yiza kum**” kwaye “**Ndilandele**“. Ngelixesha lobuGosa, lixesha lokuhlaziya , ixesha lokuzinikela kunye nokwabelana

Umthandazo wam kunye nabo bathe babhala lencwadi ,kukuba uThixo ayisebenzise lencwadi yenze umahluko kubomi nakubulungiseleli babaninzi.

**Ndindim kuba sisithi kuba UThixo Unguye... Sanga ilizwe elitshatyalaliswe ngubhubhane we Covid 19**

**Imithandazo neentsikelelo**

**Bishop Margaret**

## Intshayelelo

Kwezi veki zilandelayo sizakube sicamngca ngemiba eyahlukeneyo yobugosa kwaye siyababulela oogxa bethu ngegalelo labo elityebileyo.

Ubugosa buvela kwigama lesiGrike elithi “oikos,” elithetha “indlu” okanye “indawo yokuhlala” kunye negama elithi “nemo” elithetha “ukulungiselela”. Umdibaniso “oikonomos” (ngesiGrike) okanye “amagosa” kusosonke isibhalo sichaza indlela zonke izixhobo ezisetyenziswa ngokugqibeleleyo endlwini ukwanelisa wonke umntu. Indlela iicawe ezininzi ezithetha ngayo ngobugosa namhlanje yindibaniselwano yeenkcazo ezichazwe ngasentla. Aba baquka urhulumente kunye nabanye abaphathi bemali abasemthethweni, okanye oonondyebo (Roma 16:23). Ibhekisa kubalawuli abanoxanduva lwezinto okanye imicimbi yomqeshi wabo (Luka 16:1). Igama elithi “amagosa” likwachaza amaKristu anikwe umsebenzi wokusasaza isigidimi sikaThixo (1 Korinte 4:1).

Ubugosa yindibaniselwano yezinkcazelo. Ukuqonda ubugosa kusenokuba luxanduva lokwenza oko uvakalelwa kukuba uThixo ufuna ukwenze ngezinto ozifumeneyo. Ukuze siqonde intsingiselo yobugosa, kufuneka siqale kuThixo sivume ukuba ubugosa bukwimo kaThixo neyomntu. Ekuqalekeni uThixo wadala izulu nomhlaba (Gen 1:1). Ngalendlela, singaba sebenzi kunye noThixo sikhathalele kwaye sinoxanduva kubo bonke ubutyebi bomhlaba kunye noThixo owabelane nathi ngesisa.

Ku (Yohane 1:3), umbhali uthetha ukuthi “zonke izinto zadalwa ngaye, yaye ngaphandle kwakhe akubangakho nanye into ethe yabakho.” Zombini ezindima, zisikhokelela ekuqondeni ukuba ubugosa yinkolelo yezakwalizwi yokuba abantu banoxanduva lwehlabathi kwaye kufuneka balukhathalele kwaye balijonge.

### **Kutheni sithetha ngobugosa beCawe**

KwiTestamente eNtsha siqaphela umzekelo wokupha kwebandla ngokubhekiselele kwibandla laseMakedoniya (2 Korinte 8:1). Nangona ayengamahlwempu ngokwezinto eziphathekayo, ayebalasele ngokuba nesisa nokuba nenkululeko. Isifundo kwesisibhalo sesokuba, bazinikela kuThixo kuqala, bevuma ukuba zonke izinto ziphuma kuThixo. Ukuqonda kwabo ubugosa yayikukunikezela ubomi bethu kuThixo kuqala kwaye ukunikela kwabo kwakuyimbonakaliso yokwenene yolwalamano lwabonoThixo. AbaseMakedoni banikela ngaphezu kokoba bekulindlele, ngenxa yokuba baye bazinikela kuThixo kuqala.

### **Ubugosa bezipho**

Ukusetyenziswa kwezipho lelinye icala lobugosa. Asingomagosa kuphela ekupheni, kodwa kumabandla ethu ahlukeneyo sikwacelwa umngeni ukuba sinikele ngeetalente zethu ngexesha ngaphakathi kwirhamente ngolungiselelo olwahlukeneyo, lobuqu, lokufundisa, lolawulo, lwentlalo, inkathalo, umculo nalo naluphi na uhlobo lobulungiseleli. Ubugosa yinxalenye yokholo, ukuthemba ukuba uThixo uyakusibiza kwaye asixhobisele ubulungiseleli. Lusebenzeni nilufeze olwenu usindiso, ninokoyika nokungcangcazela; kuba nguThixo okusebenzayo ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe (KwabaseFilipi 2:12-13).

Ukuqokumbela, lo mbandela wobugosa ubanzi. Ngandlel' ithile, mntu ngamnye uligosa, ekubeni liyinyaniso elokuba asinanto eyethu. Kanti uThixo ufuna sibengamagosa azaziyo nabulangazelelayo ubugosa babo, ukuze sibe nokufumana yonke into esandleni sakhe ngombulelo kwaye sikuvume ukuxhomekeka kwethu okupheleleyo kwaye sibuyisele yonke into ngovuyo nangendumiso kuye Ngamana singaxelisa umpostile uPawulos, igosa elikhulu lobabalo lukaThixo owathi: “Ndiphuthume ngokoxunele umvuzo wobizo lwaphezulu lukaThixo kuKristu Yesu.” (Filipi 3:14 ) Ngokoke, uYehova wanikela ubungqina obucacileyo bokuba uYehova ‘uThixoosezulwini,’ uyakunikela ubungqina obucokisekileyo. Ngamana elixesha lokucinga nzulu ngobugosa ngexesha leLente lingabalixesha lokuhlaziya iingqondo neentliziyo.

Imithandazo neentsikelelo.

**Canon Dr Desmond Lambrechts**

## Inkqubo nomsebenzi wobugosa

### Iveki yokuQala

#### Umongo: Umhlaba nentsusa yayo ( ukuthwala umhlaba)

29 January 2023

Thixo wendalo sinike ubulumko bokunjongana nomhlaba wakho. Sincede sijongane nenzuzo zokwesi ngqongileyo, Ukuze ikamva lesi zukulwana sibe nelungeloloku vuya apha emhlabeniye nadalo yonke. Sincede silandele umzekelo wokukhathalela ilizwe ngothando. Amen.

Izifundo: Mika 6 : 1- 8

Indumiso 15

1 Kwasbasekorinte 1 : 18- 31

Mateyu 5 : 1-12

UMika ushwankathela ubizo njengokwenza izenzo zobulungisa, ukuthanda ubulumko nokuzithoba kuThixo.

UThixo yena usibizela ekwenzeni eyethu indawo kancinci kancinci kusuku ngalunye. Xa sisitsho oku singasele sizibuza ukuba senzani na malunga nendalo?. Sibubonakalisa njani na ubulungisa endalweni? Ingaba siyalubonisa uthando nobuntu kumzali ongumhlaba okanye luxanduva lomnye umntu?

Kodwa uThixo usinike uxanduva olucacileyo lokuba sikhathalele saluse indalo yakhe. iGenesis 2: 15 Ifundeka ngoluhlobo” uThixo waThabatha indoda wayibeka emyezwani we Eden ukuba iwusebenze iwukhangele.”Kule nto siqaphela ukuba uThixo udale konke kwaye yonge indalo yeyakhe. Kwi ndalo yonke zonke izinto zezakhe , kwaye thina singamagosa endalo yakhe siphendula kuThixo ngendalo yakhe, Ukujonganani kwethu kwindalo ekufuneka singahlukumezi ubudlelwano nayo. Uxanduva lwethu kukuqhubeka, sikhusele sikhulise kwaye siphakamise umsebenzi wakhe ukuze kuzaleseke injogo zikaThixo ngathi. Kufuneka sikhathalele indalo kwaye oko singakwenzeli inzuzo yethu nje kuphela koko senzele uZuko lukaThixo.

Ukuba siyaqhubeka ngezenzo zokungakhathali sijongene nabantu endaweni yendalo njengoluntu sakugangxeleka kwiziphumo ezibi. Ukuba indalo iyawa nomntu uyawa, Ukujongana noko kungengomntu kwindalo yakhe ngundoqo wobuKrestu kumele ukuba sigcine ngokukodwa uqhagamishelwano ubudlelwane nonxulumano olukhoyo phakathi kwezidalwa zonke zikaThixo. Zininzi izinto ebomini bethu esinokuzenza yonke imihlaezinokuthi zisincede ekukhuseleleni indalo kaThixo ezinje ngokokonga umbane, sinciphise inkunkuma siphinda phinda ukusebenzisa izinto ezifana neebhotile neeplastik.. Ukubeke ukholo emsebenzini kungabonisa abanye abantu ukuba ukukhathalela kwethu indlalo kusekelwe ekuthandweni kwethu uThixo njengoMdali. Inkonzo izama ukonga umbane ngendlela eyiyo. Yenza lenkqubo kuthwa kukwenza “IFalseBay Go Green’ kanjalo inekomiti ejongane nale nkqubo nazo zonke ezinye iinkqubo ezikhokelela kuba kukhule iAgenda yoko kuluhlaza. Senze izitiya zokutya kwaye sityala nemithi ukubonakalisa ukuzimisela kwethu ukufezekisa iphulo lokuba kubekho IHLathi Lehlabathi. Sinalo nococeko oluninzi ekuncediseni ukukwenza ubuhle bokusijikelezileyo. Sikukhuthaza sinciphisa ukusebenzisa iplastiki nezinye kwizinto ezininzi. Ezenziwa ngeplastiki. Kulento yokuba ke abantu beyisebenzisa kanye iplastiki bogqiba bayilahle kumele ukuba sikhuthaze ukuba abantu bangasoloko bethenga iplastiki ezivenkileni koko basebenzise abanazo ukuze kuncephe iinqwaba yeplastiki ezisimoshela amanzi kuba kalolu zilahlile. Iplastiki zibangela ingxaki enkulu kakhulu kobomi bolwandle nezidalwa zase lwanle kuba kulapho ziphelela khona xa sizilahlile. Izidalwa zaseLwandle nasemanzini ziyarhaxwa zeziplastiki sizilahlayo. Kukuthi ke ukuba sibe ngabo bakhathalela indalo Yaye sikhumbule ukuthi HAYI ekusebenziseni lweplastiki kanye.

Kufuneka siqonde ukuba yonke into esingayi thatheli-ngqalelo isisipho sika Thixo ukusinceda koko sinikukudinga. UThixo usinike isipho semfuno zethu akasinikelanga ukuba sidiywaze senze ngokungakhathali. Akukokwethu ukusebenzisa gwenxa ungcoliso lwezinto kuba zikho. Simelezeke sibeke izinto zonke ngokwexabiso neenjongo yazo kwaye sazi ukuba into nganye inxabiso layo nendima yayo. Uzidallile ngamava ovuyo kwindalo yakhe. Lu xanduva lwethu lokuziphathi nokuba singobanina lokuzikhethela Ekwakheni ilizwe elingcono ,Ingekubo kokwethu kodwa kwikamva lezizukulwana ezizayo . Umntu ngamnye unoxanduva lokusigqongileyo. Kufuneka siwakhusele amakhaya ethu ukuze abantu baka Thixo bahla bese mpilweni engcono, kuzaliseke ubomi babo. Sinnqula uThixo Umdali ngokuphangaleleyo siqhubeke ngomsebenzi, singcine ubuhlobo bokwenene nendalo yakhe. Ngokuthi sibene ngqwalasela ekujonganeni nendalo nokusigqongileyo sinokubasazi nozuko lwendalo yakhe. Sibengo noZakuzaku bokusijikelezileyo ngoku qhagamshelana Nekomiti ‘I False BAY Go Green’ TEAM. Ubugosa onkanye ukuphatha kuthetha ukukhathalela into nokujongana nokusingqongileyo.. Ndiyabuza ke ngoku

#### Imibuzo kwingxoxo

1. Wena ngokweisiqumwenze ntoni ukujongana nehlabathi likaThixo.
2. IPerishi ilwenze njani unxibelelwano phakathi kobugosa bendalo nonqulo?.
3. Manyathelo mani athatyathwe yiDayosisi ekuqinisekiseni ukuba ekuhlaleni, kwiphondo, okanye kuzwe lonke athathe uxanduva ekukhuseleleni okusijikelezileyo.

## Iveki yeSibini

Umxholo :Imali kunye nezibonelelo zobuqu:

05 February

### Umthandazo walomhla

**Thixo onamandla onke, mbhali nomniki-bomi, zonke izinto ezisezulwini nasemhlabeni zezakho. Sifundise ukwaneliseka nokuthembeka koko sinako nokusebenzisa ubuncwane osinike bona ngobulumko. Sincede sikuvume ukuba wena ungumthombo wezinto zonke, ukuze silizukise igama lakho, ngaye uYesu Kristu iNkosi yethu, ohleli elawula kunye nawe, kubunye boMoya oyiNgcwele, uThixo omnye ngoku nangonaphakade. Amen**

Izifundo:

Isifundo sokuqala: INTshumayeli 5:10-19

INdumiso: 24

Isifundo sesibini: eyoku-1 kuTimoti 6:3-10

IVangeli: Luka 16:1-14

Intetho, ethi " **Yintoni esesipajini sakho** ? ixhaphake kakhulu. Amadoda aqinisekisa ukuba imali yawo ikhuselekile kwiipokotho zawo ngelixa abafazi bejonga izipaji zabo. Sibeka imali kunye nezinto zethu kwiibhanki ukuze zigcinwe kwaye la ngamanyathelo alungileyo okuqinisekisa ukuba izixhobo zethu zikhuselekile. Ingaba wakha wazibuza ukuba zezikabani ezozinto? Ingaba uye wema ukuba ucinge ukuba uyenza njani loo mali? Bekuyakubanjani ukuba unokuphulukana nayo yonke imali yakho?

Kuxhaphakile ukucinga ukuba oko sikufumanayo kokwethu ngenxa yobukrelekrele bethu okanye ukubila kwebunzi lethu, ukanti yonke into esinayo sisipho esivela kuThixo kwaye singabakhathaleli bayo kuphela.

Ithini ibhayibhile malunga nobugosa beMali kunye nezixhobo zobuqu?

Kukho isizathu esibambekayo sokuba xa siyisikelela inkongozelo njengamaTshetshi, sithi “ **Ubukhulu amandla ubuqaqawuli nobungangamsha konke oku Nkosi kokwakho zonke izinto zivela kuwe saye thina sinikela kuwe ikukokwakho**” (APB 1989: 116). Sithandaza lo mthandazo siqonda ukuba konke esinako kuvela kuThixo kwaye sinikela kuye okukokwakhe. Ungaze uthi kuwe, “Ndizuze obubutyebi ngamandla am” Khumbula uYehova uThixo wakho, nguye okunika amandla okuphumelela (Duteronomi 8:11-18).

Kwisifundo sokuqala seNtshumayeli siyalunyukiswa ukuba singabi ngabathandi bemali kuba asisayi kuze saneliswe. Ukuba singabathandi bemali akukho nto iyakuze yanele. Asifanelekanga ukuba sifumane inzaliseko nulwaneliseko olupheleleyo ekuqokeleleni ubutyebi nobuncwane kuba oko kukhokelela ekubaweni nakurhwaphilizo. Sifanele ukuba saneliswe koko uThixo asiphathise kona nagona siqhuba sisebenza nzima ukuzama ukuphucula ubomi bethu.

Upawulosi kwincwadi yakhe( 1Timoti 6:3-10 ) ukwathetha ngokuthanda imali okanye uThixo. Ubachaza njengabaabafundisi bobuxoki abo bazingcayo, abangenalwazi ngakumbi abaqhutywa luthando lwabo lwemali, Uthi uPawulosi injongo yababafundisi kukuzuzwa ngokwezimali ngentshumayelo zabo, ukanti ivangeli ayenzelwanga ukuba ibengumthombo wengeniso yemali. Ukuba uKristu usembindini wobomi bethu, siyakwaneliseka zizinto esinazo kunokuba sihlale siqwenela ngaphezulu. Upawulosi ulumkisa abantu ukuba bamele ukuba balumke xa behendelwa ekubekeni imali kwindawo yokuqala ebomini babo, kuba banokurhintyelwa yiminqweno emininzi yobudengene yenzakalisayo ukuze ibaphosele entshabalalweni. Oku kusikhumbuza ukuba ukuthanda imali yingcambu yazo zonke iintlobo zobubi ezisibangela ukuba siphambuke elukholweni lwethu.

Isifundo seVangeli sisibizela ukuba sibengamagosa alungileyo ezinto zikaThixo esiziphathisiweyo. Siyabongozwa ukuba sithembeke nakwezona zinto zincinane.

### Imbuzo yengxoxo

Ihlabathi ligcwele izinto eziphathekayo, ezizixhobo ziyasithuthuzela KODWA asidalelwanga ukuthuthuzelwa koko **ubukhulu bukaThixo** kuba wasidala ukuba sibengabaphathi abalungileyo bezinto zakhe.

1. Ingaba icawa ithetha nokwaneleyo na kumarhamente ayo ngokubaluleka kokuphila ubomi bobuKristu ngokwasezimalin?
2. Ingaba icawa ithetha nokwaneleyo na kumarhamente ayo ngokubaluleka kokuphila ubomi bobuKristu ngokwasezimalin? Angazibophelela njani amarhamente ethu kubugosa bemali kwaye angafikelela njani kwabo basweleyo?
3. NjengeDayosisi exhaswa ubukhulu becala ngamarhamente ngokwezimali, ingaba sinikela ngovuyo nangokuncama na ukuze sinyuse izinga lezezimali leDiocese?

## Iveki yesiThathu

Umxholo: iiTalente neziphwi zethu njengeziq (into esiyizisa / esinikela ngayo kwihlabathi)

12 kaFebruwari 2023

### Umthandazo walomhla

Thixo ongcwele nolungileyo, ubeka phambi kwethu ubomi nokufa. Sinike ubabalo xa sijamelene nezilingo ezininzi ekufuneni kwethu ingqondo kaKristu naxa sikhetha ubomi obungunaphakade ngoYesu Kristu iNkosi yethu, ohleliyo elawula nani noMoya oyiNgcwele; emnye uThixo, ngoku nangonaphakade. Amen

### Izifundo

Duteronomi 30:15-20

INdumiso 119:1-8

1 Korinte 3:1-9

Mateyu 5:21-37

### Intshayelelo

YiCawe yesi-3 enyangeni njengoko siqhubeka nokugxila kubugosa. Uthixo usinike uxanduva lokusebenzisa ngokufanelekileyo iitalente neziphwi uThixo asinike zona. Xa sithetha ngobugosa neetalente zethu kunye neziphwi, kumalunga nokuba senkonzweni yeNkosi ebandleni lakhe. Indlela endisebenzisa ngayo iitalente zam indibonisa ukuba ndisenkonzweni kaThixo kwaye ndakha ubukumkani bam obuncinci apha emhlabeni. Inkonzo yobuKristu ngokusebenzisa iziphwi neetalente zethu kukubonisa uthando lwethu ngoKristu nebandla lakhe.

### Ukukhetho

Kufundo lweTestamente eNdala abantu bakwaSirayeli banikwa ukhetho phakathi kobomi nokufa, ukuba baya kuhlala bethembekile na kuThixo okanye bajongane nokufa ukurhoxiswa kobuso bukaThixo kunye neentsikelelo kubo. **Kwakungekho ndawo zingwevu** okanye iindawo zokungabinazigqibo ebantwini, kwakucace njengokukhanya kwemini. Uzibophelela ngokupheleleyo okanye ujongene nokufa, ukanti njengabantu bakaThixo asifuni ukwenza ezizigqibo ziqinisekileyo, sifuna ukubamba izibonelelo ezivela kumacala omabini.

Sinomceli-mngeni phakathi kwethu wokuba siyakuzebenzisa njani iziphwi zikaThixo esizifumene ukuze simnqule kwaye simzukise ngokukhonza kwethu ebandleni. Uthixo usinike ezi talente kunye neziphwi kwaye ukuba asizisebenzisi, siyakujongana namathuba okuphulukana neetalente esizinikwe nguThixo. Sikhunjuzwa kwincwadi yeVangeli kaMateyu 25:24-30 ngomphumela wokoyika ukusebenzisa iitalente esizinikwe nguThixo.

### Izipho

Siyakhunjuzwa kwabaseKorinte bokuqala 12 malunga neziphwi ezahluahlukeneyo uThixo asinikayo thina bantwana bakhe ngaMoyamnye. Ndinombuzo kumntu ngamnye kuthi ngalentsasa, 'Bazalwana noodade bam, niyazazi na iitalente eniziphwi nguThixo?' Zihlobo zam ezimanywe noKrestu ndithandaza ngokunyanisekileyo kuThixo ukuba anityhilele iitalente neziphwi zenu. Thetha nomfundisi wakho okanye umntu omthembileyo ngeziphwi kunye neetalente zakho ukuba awuqinisekanga ngazo. Khumbula ukuba nasiphina isiphwi kunye nesiphwi onaso asikuko ukuqhayisa kodwa kukunqula, ukudumisa nokuzukisa uThixo njengoko usebenzisa iziphwi zakho kunye neziphwi zakho ekukhonzeni uThixo ebandleni lakhe.

### Khetha okulungileyo

Siyakhunjuzwa kufundo lweTestamente eNdala ukuba senze ukhetho ngokuhlala kubudlelwane obuzinikeleyo noThixo. Ngalentsasa sinomceli-mngeni ukuba senze isigqibo esifanelekileyo ekusebenziseni iitalente zethu esizinikwe nguThixo ukukhulisa nokwakha ubudlelwane bethu noThixo njengamaKristu azinikeleyo kunye nomnye nomnye njengoko sandisa ubukumkani bukaThixo ngomsebenzi webandla lakhe.

Ngamana singenza ukhetho olufanelekileyo ekusebenziseni iitalente neziphwi esiziphwiwe nguThixo ukubonisa uthando lwethu kuKristu ngenkonzo yethu ebandleni.

### Imibuzo yengxoxo

1. Upawulosi usikhumbuza kweyoku-1 kwabaseKorinte 12 ngeziphwi ezahluahlukeneyo ezinikelwa ngoMoya omnye. Njengomntu uyazi ukuba ziziphwi iitalente neziphwiwo ozinikwe nguThixo?
2. Siyakhunjuzwa kwabase-Efese 4:4-6 ukuba sifanele sizame ukugcina nokwakha umanyano ebandleni. Uyisebenzisa njani italente nesiphwiwo osinikwe nguThixo ukwakha umanyano kwibandla lasekuhlaleni nakuluntu ngokubanzi.
3. Umateyu 25:24-30 usikhumbuza ngeziphwiwo zokungazisebenzisi iitalente neziphwiwo esiziphwiwe nguThixo. Uzisebenzisa njani iitalente neziphwiwo ozinikwe nguThixo ukwandisa uBukumkani bukaThixo kwiDiocese yase False Bay ngobungqina bakho kwirhamente yakho

## Iveki yesine

Umxholo: Ukubandakanyeka nenxaxheba yakho eParishini (Ukukhula nzulu ebomini bakho bangasese nasebomini

TInkonzo yokwenziwa kumila-kumbi (Transfiguration Sunday)

19 February 2023

Umthandazo walomhla

**Thixo oNgcwele, kwiNtaba yoKwenziwa kumila kumbi umbonakalisile uNyana wakho njengoKristu: siguqule ubomi bethu ngokomfanekiso wakhe, Wubhale ezintliziyweni zethu umthetho wakho wothando; usenze abaprofeti bobungangamsha bakho; ngoYesu KristuNkosi yethu, ohleliyo elawula nawe noMoya oyiNgcwele; emnye uThixo, osebuqaqawulini obungunaphakade. Amen**

Izifundo:

Eksodus 24:12-18

Indumiso 2

2 Petros 1:16-21

Mateyu 17:1-9

Ukwenziwa kumila kumbi kukaYesu kusinika umbono wokuba ungubani na uYesu. Lo mqondiso ubonakalayo wozuko lwakhe ngaphambi kokuzalwa kwakhe: ubuso bakhe obukhazimlayo nempahla yakhe emhlophe njengokukhanya wawusenzelwa uPetros, uYakobi noYohane. Ukwenziwa kumila kumbi kukaYesu nokubonakala kukaEliya noMoses kwabashiya abafundi bewile phantsi besoyika. UYesu, enyanisekile kwimfesane yakhe, wabachukumisa waza wabazolisa. Oku kwenziwa kumila kumbi kusikhumbuza ukuba uYesu uyinzaliseko yoMthetho (uMoses) nabaprofeti (uEliya). Ukubonakala kukaEliya noMoses entabeni kunikela ubungqina ngoYesu, uNyana kaThixo, lowo amthandayo uThixo nalowo simthobelayo. Abafundi bakhalingelwa nguYesu kuba abazange banikele ingqalelo kuYesu kodwa bafuna ukwakha iminquba.

Sifanele sigxininise kuYesu, simthobele size simzukise, kuba oko koko uThixo akufunayo kuthi. Sisemfanekisweni kunye nokufana noYesu (Genesis 1: 26-28 ), owakhonza waza wabandakanya abanye ngokuhlamba iinyawo zabo, ukushumayela iindaba ezilungileyo, ukuphilisa abagulayo, kunye nokwabelana ngobulungiseleli bakhe. Ubomi bakhe nobulungiseleli bakhe batshintsha nabanye.

Uthando lwethu ngoThixo lususiseko senguqu yethu. Iqala ngaphakathi ngolwaluko lweentliziyu zethu. Ukuguqulwa kwethu kuya kubonakala ngaphandle ngendlela efanayo nokubengezela kukaYesu, njengoko kwabonwa nguPetros, uYakobi, noYohane. Iimpawu zangaphandle zenguqu ziguqulela kwimisebenzi ebonakalayo okanye idini kuba ukholo ngaphandle kwemisebenzi lufile (Yakobi 2:26). Ukholo lwethu olunesiphumo somsebenzi lwafumana iqalo kuqiniso, olwasixhobisa lwaze lwasiguqula unqulo, inkonzo, nobungqina ngokuxhotyiswa nguMoya oyiNgcwele. Ukwanda kokubandakanyeka kwethu kubomi beTyalike kubonakala kumasebe neenkqubo ezahlukeneyo. Ngaphaya koko, ukuthatha kwethu inxaxheba kuMthendeleko komeleza ubomi bethu bobuqu kunye nobomthendeleko. UMthendeleko usikhumbuza ngedini likaKrestu kwaye uyasinceda kwinkqubo yethu yenguqu ukuze sibe kukukhanya okuqaqambileyo kwirhamente yethu nakuluntu lwethu.

Sizikhumbuza ngeenzuzo zomthandazo, ukuzila ukutya, kunye nokupha njengoko sihamba sisiya kwiLente. Silandela umzekelo kaKristu, idini lethu lokwenene—lowo wanikela ngobomi bakhe ngenxa yethu. Ukunikela ngexesha lethu ngomthandazo kunye nenkonzo kukhulisa ubudlelwane bethu noThixo. Sikhulisa iziphiso neentalente zethu ngokuzinikela, uthando, kunye nokubandakanyeka kubulungiseleli bamakholwa, amaqela omthandazo, iinkqubo zokufikelela ebantwini, kwibhunga, nangeenkqubo ezahlukeneyo kwirhamente yethu. Umthandazo wethu kukuba ube yintsikelelo kwirhamente yengingqi kunye noluntu ngokubandakanyeka kwethu kwirhamente yethu.

### Imibuzo yengxoxo

1. “Umsebenzi wethu njengeDayosisi ukuKhuthaza nokuBhiyozela ubuncwane obuziswa kukuba singabantu abohlukileyo kodwa sonke singamatshetshi” Siyinceda njani kwaye lithini iphupha lethu elitsha ngenkonzo kwinqanaba leDayosisi ekukhanyeni okuqaqambileyo kukaKristu wethu owenziwe kumila-kumbi?
2. Ingaba unqulo lwethu lwangoku kunye nenkonzo yonqulo ibonakalisa imeko yerhamente, evumela ukukhuliswa kweziphu kunye “nokuhlanganisela abantu bakaThixo kwinkonzo yobuKristu?”
3. UThixo wasisikelela sonke ngeziphu neentalente ezintle. Ingaba sisebenzisa ezitalente sizinikwe nguThixo “ukunceda ulutsha nakwabanye abasweleleyo?”

## **Bibliography**

*Africa Study Bible 2011*. New living translation Oasis International Publishing LTD

Anglican Church of Southern Africa. 2022. *Lectionary. Advent 2022-December 2023. Year A*. Cape Town: CTP Printers.

*An Anglican Prayer Book*. 1989. Anglican Church of Southern Africa Harper Collins Publishers, Marshalltown

Baker, Kenneth L. & Kohlenberger 111, John R. 2004. *Expositors Bible Commentary. Abridged Edition. New Testament*. Michigan: Zondervan

*Clay, K. Robin.1986. Counting the Cost. Wm. B. Eerdmans Publishing Co. Grand Rapids, Michigan.*

*De koster, B. 1980. The Deacons Handbook. Christian Library Press, Grand Rapids, Michigan.*

Diocese of False Bay. 2022. Our Mission as a Diocese. *The False Bay Anchor* 15(4)

*Holy Bible: Revised Standard Version (RSV)*, Collins Clear – Type Press London, 1946 -1952.

Peake's commentary on the Bible, 1987 edition;

*Martin, A. 1991. Bibilcal Stewardship.Loizaeaux Brothers, Neptune, New Jersey*

Provincial Stewardship and giving Committee, Resource Booklet, 1992 printed Published by the Anglican Church of Southern Africa.

# *STEWARDSHIP 2023*

## **Acknowledgements**

We acknowledge with sincere thanks and appreciation to all who made this project happen.

Bishop Margaret Vertue: For the leadership and vision for this Stewardship Series.

Dean Ronald Philips: For the printing of the Posters

## **Contributors**

Mrs Nontsikelelo Fani

Rev Rachell Hoogbaard

Rev Deon McDillon

Rev Stafford Moses

## **Translators**

Ven Ludi Joko; Rev Philip Mbalula; Rev Khulile Mafenuka, Mrs Nontsikelelo Fani.

Rev Tony Koopman

Mr Heinrich Jantjies who assisted with the secretarial tasks

Canon Desmond who wrote the Collect, introduction and assisted with the overall co-ordination and editing.